# UVAVANYO OLUSISISEKO LWEBANGA 1

| ULWIMI LWASEKHAYA | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| CAPS | Iincwadi yokusebenzela yeDBE yoku 1 IBanga 1 Iphepha I encwadi | Isihloko | Izakhono / Ulwazi | Imisebenzi | | Amanqanaba obunzima | Ulwabiwo lwamanqaku | Amanqaku katitshala. |
| | | | | Inani | Inkcazelo | | | |
| **Umxholo: Ukumamela nokuthetha** | | | | | | | | |
| Gr R K 4 Iphepha 49 | Awukho umsebenzi kwincwadi yeDBE. Sebenzisa ukwalasela ngexesha le ngxoxo egumbini eklasini | Nesiphi na isihloko singasetyenziswa. Iingxoxo eziqhelekileyo eklasini zingasetyenziswa | Ukumamela ngaphandle kokuphazamisa, enika imbeko, benikana amathuba. | 1 | Qwalasela abafundi ngexesha le ngxoxo zaseklasini okanye ngexesha lebali ukhangele ukuba umfundi unazo na izakhono okanye hayi | Lilula | Isikhokelo:<br>✓ *Uyakwazi*<br>● *Uyazama*<br>*X Akakwazi* | *Qwalasela abafundi ngexesha le ngxoxo eziqhelekileyo ezenzeka yonke imihla ubhale izinto oziqwalaselayo.* |
| Gr R K 4 Iphepha 49 | Incwadi yokusebenzela yeDBE iphepha p. 16 & 17 | Xoxani ngezinto eziyingozi emfanekisweni. | Bajongisisa ngenyameko emifanekisweni bathethe ngamava eqhelekileyo. | 2 | Qwalasela abafundi ngelixesha bexoxa ngemifanekiso ukhangele ukuba umfundi unazo izakhono na okanye hayi | Liphakathi | Isikhokelo:<br>✓ *Uyakwazi*<br>● *Uyazama*<br>*X Akakwazi* | *Qwalasela abafundi ngelixesha bexoxa ngemifanekiso.* |

| ULWIMI LWASEKHAYA | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| CAPS | Iincwadi yokusebenzela yeDBE yoku 1 IBanga 1 Iphepha I encwadi | Isihloko | Izakhono / Ulwazi | Imisebenzi | | Amanqanaba obunzima | Ulwabiwo Iwamanqaku | Amanqaku katitshala. |
| | | | | Inani | Inkcazelo | | | |
| Gr R K 4 Iphepha 49 | Incwadi yokusebenzela yeDBE iphepha 15 | Ezifanayo kunye nezahlukileyo | Batshatisa izinto ezihambelanayo bazithelekise nezinto ezingafaniyo | 3 | Faka isangqa emfanekisweni kwinto engahambelaniyo. Cacisa impendulo yakho | Linzima | Isikhokelo: ✓ *Uyakwazi* ● *Uyazama* *X Akakwazi* | *Xoxani ngemifanekiso kulo msebenzi. Vumela abafundi bajonge imifanekiso emva koko bafakele isangqa kumfanekiso ongahamelaniyo. Umfundi kufuneka akwazi ukuchaza ukuba kutheni zingahambelani.* |
| Gr R K 4 Iphepha 49 | Awukho umsebenzi kwincwadi yokusebenzela ye DBE. Umsebenzi wokuthetha | Ukumamela ulandelelwaniso | Bamamela kwaye bakhumbule amagama alula alandelelanayo umz. sela, sula, sila, sola | 4 | Mamela igama. Phinda amagama. | Liphakathi | Isikhokelo: ✓ *Uyakwazi* ● *Uyazama* *X Akakwazi* | *Nika umfundi ulandelelwano lwamagama. Umfundi kufuneka akwazi ukuwabiza ngolandelelwano olufanayo. Sebenzisa amagama ama-4 kulandelelwano.* |
| Gr R K 4 Iphepha 49 | Umsebenzi wokuthetha | Neziphi iingoma nezicengcelezo zingasetyenziswa ebezifundiwe kwiBanga R | Culani iingoma nezicengcelezo kwaye bezenzele neentshukumo ngokuzithemba. | 5 | Umfundi makacule ingoma ngelixesha esenza intshukumo. | Lilula | Isikhokelo: ✓ *Uyakwazi* ● *Uyazama* *X Akakwazi* | *Vumela abafundi bacule ingoma abayifunde kwiBanga R ze benze nentshukumo* |

| ULWIMI LWASEKHAYA | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| CAPS | Iincwadi yokusebenzela yeDBE yoku 1 IBanga 1 Iphepha I encwadi | Isihloko | Izakhono / Ulwazi | Imisebenzi | | Amanqanaba obunzima | Ulwabiwo lwamanqaku | Amanqaku katitshala. |
| | | | | Inani | Inkcazelo | | | |
| | | | | | | | | |
| Gr R K 4<br>Iphepha 49 | Incwadi yokusebenzela ye DBE<br>iphepha 20,21 | Eklasini | Thetha ngemifanekiso kwiipowusta, ezincwadini njl-njl. | 6 | Abafundi baxoxa ngomfanekiso okwincwadi ye DBE ngelixesha besebenzisa isigama abasinikiweyo kulo msebenzi. | Lilula | Isikhokelo:<br>✓ *Uyakwazi*<br>● *Uyazama*<br>*X Akakwazi* | *Vumela umfundi axoxe ngezinto ezisemfanekisweni ngelixesha ubanika isikhokelo.Bhala phantsi izito oziqwalaselayo.* |
| Gr R K 4<br>Iphepha 49 | Incwadi ye DBE yokusebenzela iphepha 39 | Kopa kwaye usike imifanekiso yebali uyibeke ngendlela engalandelelaniyo<br>. | Landelelalnisa imifanekiso yebali. | 7 | Abafundi kufuneka balandelelanise amakhadi emifanekiso yebali. | Linzima | Isikhokelo:<br>✓ *Uyakwazi*<br>● *Uyazama*<br>*X Akakwazi* | *Qwalasela abafundi ngelixesha belandelelanisa amakhadi ngolandelelwano oluchanekileyo. Utitshala anganika isikhokelo.* |
| Gr R K 4<br>Iphepha 49 | Incwadi yokusebenzela ye DBE iphepha 22 | Ihlobo nobusika | Batshatisa izinto ezihambelana kunye | 8 | Abafundi bafakela isangqa kwimpahla esizinxiba ehlotyeni ngombala obomvu nesizinxiba ebusika ngoluhlaza okwesibhakabhaka. | Eliphakthi | Isikhokelo:<br>✓ *Uyakwazi*<br>● *Uyazama*<br>*X Akakwazi* | *Nika umfundi umyalelo. Umfundi makazenzele umsebenzi* |

| ULWIMI LWASEKHAYA | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **CAPS** | **Incwadi yokusebenzela yeDBE yoku 1 Ibanga 1 Iphepha Lencwadi** | **Isihloko** | **Isakhono /Ulwazi** | **Imisebenzi** | | **Amanqanaba Obunzima** | **Ulwabiwo Iwamanqaku** | **Amanqaku katitshala** |
| | | | | **Inani** | **Inkcazelo** | | | |
| **Umxholo: Ulwazi lwezandi** | | | | | | | | |
| GR R K 4 P 59 | Awukho umsebenzi kwincwadi yokusebenzela yeDBE.Umsebenzi wokuthetha | Nokuba sesiphi isicengcelezo/ingoma abayaziyo | Chonga amagama anesingqi esifanayo kwizicengcelezo nakwingoma abazaziyo. | 1 | Funda isicengcelezo/ culela abafundi ingoma. Buza abafundi ngawaphi amagama anesingqi esifanayo | Elinzima | Isikhokelo:<br>✓ *Uyakwazi*<br>● *Uyazama*<br>*X Akakwazi* | *Qwalasela abafundi ngelixesha besenza izicengcelelzo/iingoma. Bhala amanqaku ngendlela umfundi azithembe ngayo.* |
| GR R K 4 p. 59 | Awukho umsebenzi kwincwadi yokusebenzela yeDBE.Umsebenzi wokuthetha | Nesiphi isihloko. | Baqaphele ukuba amagama enziwe zizandi. | 2 | Nika abafundi amagama. Mabawohlule ngekwezandi Umz. **ikati (i-k-a-t-i)** | Liphakathi | Isikhokelo:<br>✓ *Uyakwazi*<br>● *Uyazama*<br>*X Akakwazi* | *Nika umfundi ngamnye amagama ama 3 azakuwohlula. Umfundi ngamnye ufumana amagama angafaniyo ukuze bangakopiselani.* |
| GR R K 4 p. 59 | Awukho umsebenzi kwIncwadi yokusebenzela yeDBE.Umsebenzi wokuthetha. | Nesiphi isihloko | Bohlula amagama anamalungu amathathu nangaphezulu ngokwamalungu | 3 | Nika abafundi amagama. Abafundi baqhwabela amagama ngokwamalungu **umz. i-ngo-bo-zi** | Lilula | Isikhokelo:<br>✓ *Uyakwazi*<br>● *Uyazama*<br>*X Akakwazi* | *Nika umfundi ngamnye amagama ama 3 azakuwohlula. Umfundi ngamnye ufumana amagama angafaniyo ukuze bangakopiselani.* |
| GR R K 4 p.59 | Awukho umsebenzi kwIncwadi yokusebenzela | Nesiphi isihloko | Bohlula izivakalisi ngokuthetha ngokwamagama. | 4 | Nika abafundi izivakalisi. Kufuneka baxele | Linzima | Isikhokelo:<br>✓ *Uyakwazi* | *Nika umfundi ngamnye isivakalisi ukuze basohlule ngokwamagama.* |

| ULWIMI LWASEKHAYA | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **CAPS** | **Incwadi yokusebenzela yeDBE yoku 1 Ibanga 1 Iphepha Lencwadi** | **Isihloko** | **Isakhono /Ulwazi** | **Imisebenzi** | | **Amanqanaba Obunzima** | **Ulwabiwo lwamanqaku** | **Amanqaku katitshala** |
| | | | | **Inani** | **Inkcazelo** | | | |
| | yeDBE.Umsebenzi wokuthetha. | | | | ukuba lithini igama kwisivakalisi ngasiny | | ● *Uyazama*<br>*X Akakwazi* | |
| **Umxholo: Ukufunda Okuphuhliswayo** | | | | | | | | |
| GR R K 4 p. 51 | Incwadi yokusebenzela ye DBE iphepha 14 | Izandi zezilwanyana | Ukuqonda ngokuva nangokubona oonobumba bokuqala nezikhamiso ekuqaleni kwamagama aqhelekileyo. | 1 | Chaza imifanekiso kwaye uxelele utitshala wakho ukuba umfanekiso uqala ngesiphi isandi. | Liphakathi | Isikhokelo:<br>✓ *Uyakwazi*<br>● *Uyazama*<br>*X Akakwazi* | *Yenza lo msebenzi emaqeleni amancinci ubhale phantsi amanqaku owaqwalaselayo ngomfundi ngamnye.* |
| GR R K 4 p.51 | Awukho umsebenzi kwincwadi yokusebenzela yeDBE.Yenza umsebenzi wokumamela. | Nesiphi isihloko. | Baqonde amagama ngokumamela ze bawadibanise ukwenza igama kwakhona umz. e-s-i | 2 | Nika abafundi izandi bazidibanise umz. Utitshala uthi e-s-i ze umfundi athi “esi”. | Liphakathi | Isikhokelo:<br>✓ *Uyakwazi*<br>● *Uyazama*<br>*X Akakwazi* | *Nika umfundi ngamnye amagama ama 3 awaqonde kwaye awadibanise.* |
| GR R K 4 p.51 | Dibanisa nomsebenzi wesi 6 (Ukumamela nokuthetha) DBE iphepha 20,21 | Nesiphi isihloko. | Bakhumbule izinto eziqhelekileyo kwimifanekiso-afunde iincwadi ezinemfanekiso | 3 | Abafundi kufuneka bakhumbule izinto emfanekisweni. | Lilula | Isikhokelo:<br>✓ *Uyakwazi*<br>● *Uyazama*<br>*X Akakwazi* | *Vumela abafundi baxoxe ngezinto emfanekisweni ngelixa unika isikhokelo. Bhala phantsi amanqaku owaqwalaselayo.* |

| ULWIMI LWASEKHAYA | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **CAPS** | **Incwadi yokusebenzela yeDBE yoku 1 Ibanga 1 Iphepha Lencwadi** | **Isihloko** | **Isakhono /Ulwazi** | **Imisebenzi** | | **Amanqanaba Obunzima** | **Ulwabiwo Iwamanqaku** | **Amanqaku katitshala** |
| | | | | **Inani** | **Inkcazelo** | | | |
| GR R K 4 p.51 | Awukho umsebenzi kwincwadi ye DBE.Qwalasela abafundi ngelixesha bafundayo | Nesiphi isihloko ebesicwangciselwe ukufunda. | Ubamba incwadi ngendlela efanelekileyo | 4 | Umfundi kufuneka abambe incwadi ngendlela echanekilyo ngexesha lemisebenzi yokufunda. | Lilula | Isikhokelo:<br>✓ *Uyakwazi*<br>● *Uyazama*<br>*X Akakwazi* | *Yenza uqwalaselo ngelixesha lokufunda okanye ngelixesha abafundi befunda kwikona yeencwadi kwaye ubhale phantsi izinto oziqwalaselayo.* |
| GR R K 4 p.51 | Awukho umsebenz kwincwadi ye DBE. Qaphela umfundi | Mna. | Baqaphele igama lakhe kunye nawabanye afunda nabo eklasini. | 5 | Banike amathuba apho abafundi bazakuqaphela amagama abo kunye nawabanye abafunda nabo umz. mabahambise iincwadi. | Linzima | Isikhokelo:<br>✓ *Uyakwazi*<br>● *Uyazama*<br>*X Akakwazi* | *Vumela abafundi banikane amathuba ukuhambisa iincwadi eklasini kwaye uqwalasele ukuze ubone ukuba ngubani okwazi ukukhumbula igama lakhe kunye nawabanye.* |
| GR R K 4 p.51 | Awukho umsebenzi kwincwadi yeDBE. Sebenzisa amakhadi olandelelwaniso akwinkqubo kaStellar. | Nesiphi isihloko | Batolika imifanekiso belandelelanise imifanekiso ukwenza ibali. | 6 | Sebenzisa nawaphi amakhadi olandelelwaniso asuka ebalini. Umfundi kufuneka awabeke amakhadi ngolandelelwano oluchanekileyo. | Liphakathi | Isikhokelo:<br>✓ *Uyakwazi*<br>● *Uyazama*<br>*X Akakwazi* | *Yenza umsebenzi ngokwamaqela amancinci kwaye uthathe amanqaku ngowuphi umfundi okwazi ukubeka amakhadi ngokulandelelana.* |
| Gr R K 4 p.51 | Incwadi yokusebenzela ye DBE iphepha 51 | Nesiphi isihloko esicwangciselwe ukufunda ngokwabelana | Sebenzisa uqweqwe lwencwadi kunye | 7 | Xoxa ngoqweqwe lwencwadi esetyenziswa ekufundeni | Lilula | Isikhokelo:<br>✓ *Uyakwazi*<br>● *Uyazama*<br>*X Akakwazi* | *Yenza umsebenzi ngokwamaqela amancinci. Vumela abafundi banikane amathuba bakuxelele* |

| ULWIMI LWASEKHAYA | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| CAPS | Incwadi yokusebenzela yeDBE yoku 1 Ibanga 1 Iphepha Lencwadi | Isihloko | Isakhono /Ulwazi | Imisebenzi | | Amanqanaba Obunzima | Ulwabiwo Iwamanqaku | Amanqaku katitshala |
| | | | | Inani | Inkcazelo | | | |
| | | | nemifanekiso ukuqikelela ibali. | | notitshala. Vumela abafundi bakuxelele ukuba bacinga kuza kwenzeka ntoni ebalini. | | | *ukuba bacinge lingantoni ibali.* |
| **Umxholo: Ukufunda ngokwabelana** | | | | | | | | |
| GR R K 4 | Awukho umsebenzi kwincwadi yeDBE. Qwalasela abafundi ngelixesha usenza ukufunda ngokwabelana. | Nesiphi isihloko esicwangciselwe ukufunda ngokwabelana. | Ukonwabela ukuthatha inxaxheba kwimisebenzi yokufunda ngokwabelana. | 1 | Yenza ukufunda ngokwabelana nabafundi bakho kwaye ubaqwalasele. | Lilula | Isikhokelo:<br>✓ *Uyakwazi*<br>● *Uyazama*<br>*X Akakwazi* | *Qwalasela abafundi ngelixesha lesifundo sokufunda ngokwabelana kwaye ubhale amanqaku.* |
| GR R K 4 | Awukho umsebenzi kwiDBE. | Sebenzisa neyiphi incwadi ecwangciselwe ukufunda ngokwabelana. | Qikelela isiphumo sebali ngokujonga imifanekiso. | 2 | Buza imibuzo phambi kokuba bafunde ukufumanisa ukuba ngowuphi umfundi onokuqikelela isiphumo sebali. | Liphakathi | Isikhokelo:<br>✓ *Uyakwazi*<br>● *Uyazama*<br>*X Akakwazi* | *Umsebenzi wamaqela amancinci. Vumela abantwana banikane amathuba baqikelele ibali. Bhala phantsi izinto oziqwalaselayo.* |
| GR R K 4 | Awukho umsebenzi kwi DBE. | Nesiphi isihloko kuxhomekeke kwincwadi oyikhethileyo. | Zoba umfanekiso ucacise owona mxholo ungundoqo ebalini. | 3 | Sebenzisa neyiphi ncwadi ubuyifundele abafundi. Bhala isihloko sencwadi ebhodini. Vumela abantwana | Liphakathi | Isikhokelo:<br>✓ *Uyakwazi*<br>● *Uyazama*<br>*X Akakwazi* | *Jonga imifanekiso yabafundi. Imifanekiso yabafundi kufuneka ibonise obekufundiwe ebalini.* |

| ULWIMI LWASEKHAYA | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| CAPS | Incwadi yokusebenzela yeDBE yoku 1 Ibanga 1 Iphepha Lencwadi | Isihloko | Isakhono /Ulwazi | Imisebenzi | | Amanqanaba Obunzima | Ulwabiwo Iwamanqaku | Amanqaku katitshala |
| | | | | Inani | Inkcazelo | | | |
| | | | | | bakhuphele isihloko kwaye bazobe umxholo ongundoqo webali. | | | |
| GR R K 4 | Awukho umsebenzi kwincwadi yeDBE | Neyiphi incwadi ecwangciselwe ukufunda ngokwabelana | Funda iitekisi ezinkulu. | 4 | Yenza isifundo sokufunda ngokwabelana. Vumela abafundi bafunde kunye nawe ngelixesha usenza isifundo sokufunda ngokwabelana. | Linzima | Isikhokelo:<br>✓ *Uyakwazi*<br>● *Uyazama*<br>*X Akakwazi* | *Qwalasela abafundi ngelixesha lesifundo sokufunda ngokwabelana kwaye ubhale amanqaku.* |
| GR R K 4 | Awukho umsebenzi kwiDBE | Imibuzo ebhekisele nakweyiphi incwadi esetyenzisiweyo eklasini. | Phendula imibuzo ebhekisele kwitekisi efundiweyo. | 5 | Buza imibuzo kubafundi ebhekisele kwitekisi yokufunda ngokwabelana. | Liphakathi | Key:<br>✓ *Comply*<br>● *Partly comply*<br>*X Cannot* | *Vumela umfundi ngamnye aphendule ubuncinane bemibuzo emibini* |
| GR R K 4 | Awukho umsebenzi kwiDBE. | Sebenzisa neliphi ibali. | Xoxani ngabalinganiswa abasebalini unike ezakho izimvo. | 6 | Vumela abafundi bathathe inxaxheba kwingxoxo yebali. Nika isikhokelo kwingxoxo. | Lilula | Isikhokelo:<br>✓ *Uyakwazi*<br>● *Uyazama*<br>*X Akakwazi* | *Qwalasela abafundi ngexesha lengxoxo kwaye ubhale phantsi amanqaku.* |
| **Umxholo: Ukubhala ngesandla** | | | | | | | | |

| ULWIMI LWASEKHAYA | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **CAPS** | **Incwadi yokusebenzela yeDBE yoku 1 Ibanga 1 Iphepha Lencwadi** | **Isihloko** | **Isakhono /Ulwazi** | **Imisebenzi** | | **Amanqanaba Obunzima** | **Ulwabiwo lwamanqaku** | **Amanqaku katitshala** |
| | | | | **Inani** | **Inkcazelo** | | | |
| GR R T 4 iphepha 53 | Dibanisa umsebenzi wesi 3 (Ukubhala) iphepha 9- Ukuqwalasela | Akukho sihloko kugxilwe kuso. | Izakhono zokuphuhlisa ukomelela kweminwe | 1 | Nika abafundi nowuphi umsebenzi obhalwayo kwaye uqaphele izakhono zabo zokuphuhlisa iminwe ngelixa besebenza. | Lilula | Isikhokelo:<br>✓ *Uyakwazi*<br>● *Uyazama*<br>*X Akakwazi* | *Qwalasela abafundi ngelixesha besenza imisebenzi. Kwaye qwalasela indlela ababamba ngayo ipensile njl.* |
| GR R K 4 | Incwadi yokusebenzela yeDBE iphepha 5 | Umzimba wam | Sebenzisa izikere ukusika imifanekiso kwimigca engqindilili. | 2 | Sika iingalo nemilenze. Ncamathisela kumfanekiso. Zoba ubuso ufake umbala kumfanekiso. | Liphakathi | Isikhokelo:<br>✓ *Uyakwazi*<br>● *Uyazama*<br>*X Akakwazi* | *Qwalasela abafundi ngelixesha besenza umsebenzi. Qwalasela ukuphathwa kwezikere, ukucoceka nokuba umfundi uyakwazi ukuncamathisela amalungu omzimba kwindawo echanelekileyo.* |
| GR R K 4 | Dibanisa nezifundo zomthambo | Ukuganga nokujula. | Unxibelelwano phakathi kweliso nesandla ngokudlala umz. ganga kwaye ujule, zoba, peyinta | 3 | Vumela abafundi bajulelane kwaye bagange iibhola. | Lilula | Isikhokelo:<br>✓ *Uyakwazi*<br>● *Uyazama*<br>*X Akakwazi* | *Qwalasela ngelixesha lezifundo zemithambo kwaye ubhale phantsi amanqaku. Umntwana ngamnye kufuneka abenexehsa elaneleyo lokuganga nelokujula iibhola.* |
| GR R K 4 | Awukho umsebenzi kwincwadi ye DBE | Nowuphi na | Khuphela iipatheni, amagama nonobumba | 4 | Nika abafundi umsebenzi wokubhala | Lilula | Isikhokelo:<br>✓ *Uyakwazi*<br>● *Uyazama* | *Qwalasela abafundi ngelixesha lomsebenzi wokubhala ngesandla.* |

| ULWIMI LWASEKHAYA | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| CAPS | Incwadi yokusebenzela yeDBE yoku 1 Ibanga 1 Iphepha Lencwadi | Isihloko | Isakhono /Ulwazi | Imisebenzi | | Amanqanaba Obunzima | Ulwabiwo lwamanqaku | Amanqaku katitshala |
| | | | | Inani | Inkcazelo | | | |
| | | | ngendlela efanelekileyo. | | ngesandla. Mabakope iipatheni, oonobumba kunye namagama. | | *X Akakwazi* | *Qwalasela abafundi ngendlela ababamba ngayo ipensile, ukucoceka, ukwazi ukukhuphela oonobumba, iipatheni kunye namagama ngendlela efanelekileyo.* |
| GR R K 4 | Awukho umsebenzi kwincwadi yeDBE. Qwalasela umfundi ngelixesha enza nowuphi na umsebenzi obhalwayo. | Akukho sihloko kugxilwe kuso. | Sebenzisa izixhobo ezahlukeneyo zokubhala kwaye uzisebenzise ngokuzithemba. | 5 | Nika abafundi nowuphi na umsebenzi obhalwayo kwaye ubaqwalasele ngelixesha bawenzayo. | Lilula | Isikhokelo:<br>✓ *Uyakwazi*<br>● *Uyazama*<br>*X Akakwazi* | *Qwalasela abafundi ngalo lonke ixesha besenza imisebenzi ebhalwayo.* |
| GR R K 4 | Incwadi yokusebenzela ye DBE iphepha 6,7 | Umzimba wam | Baphatha ngendlela efanelekileyo iikhrayoni kwaye babonise ukukhetha esona sandla baza kusisebenzisa (ikhohlo/ikunene) | 6 | Vumela umfundi abeke isandla sakhe sasekhohlo/ sasekunene encwadini kwaye acinezele enze umgca wangaphandle (ukutreyisa) wesandla sakhe. | Linobunzima | Isikhokelo:<br>✓ *Uyakwazi*<br>● *Uyazama*<br>*X Akakwazi* | *Qwalasela umfundi ngelixesha betreyisa izandla zabo. Khangela ukuba sesiphi isandla umfundi asisebenzisayo ukutreyisa. Qwalasela ukuba umfundi uyibamba ngendlela efanelekileyo ipensile.* |
| **Umxholo: Ukubhala** | | | | | | | | |

| ULWIMI LWASEKHAYA | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **CAPS** | **Incwadi yokusebenzela yeDBE yoku 1 Ibanga 1 Iphepha Lencwadi** | **Isihloko** | **Isakhono /Ulwazi** | **Imisebenzi** | | **Amanqanaba Obunzima** | **Ulwabiwo lwamanqaku** | **Amanqaku katitshala** |
| | | | | **Inani** | **Inkcazelo** | | | |
| GR R K 4 Iphepha 53 | Incwadi yokusebenzela yeDBE iphepha 31 | Umzimba wam | Zoba okanye upeyinte umfanekiso ukgqithisa umyalezo. | 1 | Umfundi uzoba umfanekiso wakhe. | Liphakathi | Isikhokelo:<br>✓ *Uyakwazi*<br>● *Uyazama*<br>*X Akakwazi* | *Qwalasela abafundi ngelixesha ezoba umzimba wakhe. Jonga indlela asebenzise ngayo isithuba, umbala nokubamba ipensile.* |
| GR R K 4 | Incwadi yokusebenzela yeDBE iphepha 10 | Akukho sihloko kugxilwe kuso. | Ukukopa oonobum ba abaqhelekileyo egameni lakhe ukubonisa ukubhala | 2 | Faka isangqa/Biyela unobumba wokuqala wegama lakho. Faka isangqa abanye oonobumba begama lakho. Bhala igama lakho. | Linobunzima | Isikhokelo:<br>✓ *Uyakwazi*<br>● *Uyazama*<br>*X Akakwazi* | *Qwalasela abafundi ukuba bayibamba ipensile ngendlela efanelekileyo, isithuba, ukwakha oonobumba nokubhala ugama lakhe.* |
| GR R K 4 | Incwadi yokusebenzela yeDBE iphepha 9 | Akukho sihloko kugxilwe kuso. | Babhala ukusuka ekhohlo ukuya ekunene besuka phezulu ukuya ezantsi. | 3 | Zoba intambo zebhaluni nganye. Zoba izinti zelolipop nganye. Nceda inyosi/ibhabhathan e ukuze ifumane intyatyambo. | Lilula | Isikhokelo:<br>✓ *Uyakwazi*<br>● *Uyazama*<br>*X Akakwazi* | *Qwalasela abafundi ngelixesha besenza umsebenzi ukukhangela ukuba baqala kwicala lesandla sasekhohlo nokwenza imigca esuka phezulu ukuya ezantsi. Bhala phantsi amanqaku owafumanayo.* |
| GR R K 4 | Awukho umsebenzi kwincwadi yeDBE. Qwalasela umfundi | Nesiphi na isihloko | Bakopa izinto ezibhaliweyo | 4 | Vumela abafundi bakhuphele isihloko | Lilula | Isikhokelo:<br>✓ *Uyakwazi* | *Dibanisa oku nomsebenzi wokufunda ngokwabelana (umsebenzi 3) kwaye* |

| ULWIMI LWASEKHAYA | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **CAPS** | **Incwadi yokusebenzela yeDBE yoku 1 Ibanga 1 Iphepha Lencwadi** | **Isihloko** | **Isakhono /Ulwazi** | **Imisebenzi** | | **Amanqanaba Obunzima** | **Ulwabiwo lwamanqaku** | **Amanqaku katitshala** |
| | | | | **Inani** | **Inkcazelo** | | | |
| | ngelixesha bebhala bekopa ebhodini | | kwizinto ezibangqongileyo | | ebhodini bazobe nomfanekiso. | | ● *Uyazama*<br>*X Akakwazi* | *uqwalasele ngelixesha umfundi akopa isicatshulwa esifutshane esenza umfanekiso.* |
| GR R K 4 | Incwadi yokusebenzela yeDBE iphepha 46 | Ikonsathi | Unika izimvo ngencwadi yendaba yaseklasini. | 5 | Abafundi bachaza izinto ezisebalini kwaye benze elabo ibali. | Liphakathi | Isikhokelo:<br>✓ *Uyakwazi*<br>● *Uyazama*<br>*X Akakwazi* | *Qwalasela abafundi ngelixesha bexoxa ngomfanekiso. Bhala phantsi amanqaku ngokuqwalasela umfundi ngamnye. Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye ufumana ithuba lokwabelana ngezimvo zakhe ngomfanekiso.* |

| **INKQUBO ECETYISWAYO YOVAVANYO OLUSISISEKO**<br>***Nceda qaphela le yinkqubo ecetyiswayo. Imisebenzi evavanywa ngokuthi kuqwalaselwe kufuneka ibeyeqhubekekayo ingenziwa izimele yodwa.** | |
|---|---|
| **Usuku** | **IMISEBENZI** |
| **1** | • Ukumamela ngaphandle kokuphazamisa, enika imbeko, benikana amathuba. ***(Kuyaqhubekeka)***<br>• Ukuchonga amagama anesingqi esifanayo kwizicengcelezo nakwiingoma.<br>• Baqikelela isiphumo sebali ngokujonga imifanekiso.<br>• Babamba iikhrayoni ngendlela efanelekileyo kwaye babonise ukukhetha esona sandla sizakusetyenziswa (ikhohlo/ikunene) ***(Kuyaqhubekeka)*** |
| **2** | • Jongisisa ngenyameko imifanekiso kwaye uthethe ngamava aqhelekileyo<br>• Bakhumbule ukuba amagama enziwe zizandi. |

| | |
|---|---|
| | • Ukuzoba umfanekiso ukucacisa uluvo olungundoqo ebalini.<br>• Ukuzoba okanye ukupeyinta umfanekiso ukudlulisa umyalezo. |
| **3** | • Ukutshatisa izinto ezihambelanayo kwaye uthelekise izinto ezingafaniyo.<br>• Ukufunda iitekisi ezinkulu.<br>• Ukukopa oonobumba abaqhelekileyo egameni lakhe ukubonisa ukubhala. |
| **4** | • Ukumamela nokukhumbula ulandelelwano lwamagama alula umz. sela, sula, sila, sola<br>• Ukohlula izivakalisi ezithethwayo zibe ngamagama.<br>• Phendula imibuzo ebhekiselele ebalini elifundiweyo<br>• Babhala besuka ekhohlo ukuya ekunene besuka phezulu ukuya ezantsi. |
| **5** | • Cula iingoma kunye nezicengcelezo ukwenza intshukumo ngokunokwakhe nangokuzithemba<br>• Ukubamba incwadi ngendlela efanelekileyo. ***(Kuyaqhubekeka)***<br>• Xoxa ngabalinganiswa ebalini kwaye unike uluvo lwakho<br>• Khuphela into ebhaliweyo kokusingqongileyo. |
| **6** | • Thetha ngemifanekiso kwiipowusta, ezincwadini njl-njl<br>• Bakhumbula izinto eziqhelekileyo kwimifanekiso- funda iincwadi ezinemifanekiso.<br>• Izakhono zokuphuhlisa ukomelela kweminwe ***(Kuyaqhubekeka)***<br>• Abenegalelo lokunika amava kwincwadi yeendaba yaseklasini. |
| **7** | • Ukulandelelanisa imifanekiso ebalini<br>• Ukukhumbula igama lakhe kunye nawabanye afunda nabo eklasini.<br>• Ukusebenzisa izikere ukusika kwimigca engqindilili emifanekisweni. |
| **8** | • Ukutshatisa izinto ezihamba kunye.<br>• Ukutolika imifanekiso nokulandelelanisa imifanekiso ukwenza ibali.<br>• Ukuhambelana kweliso nesandla ngokudlala umz. ukuganga nokujula, zoba, peyinta |
| **9** | • Ukukhumbula izandi ezimanyelwayo nezibonwayo ekuqaleni kwamagama aqhelekileyo.<br>• Ukusebenzisa uqweqwe lwencwadi nemifanekiso ukuqikelela ibali.<br>• Ukukopa iipatheni, amagama kunye nonobumba ngendlela efanelekileyo. |
| **10** | • Badibanise amagama ngokumamela kwaye baphinde bawadibanise umz. k-a-m-a<br>• Ukonwabela ukuthatha inxaxheba kwimisebenzi yokufunda ngokwabelana. ***(Kuyaqhubekeka)***<br>• Ukusebenzisa izixhobo ezahlukileyo zokubhala nokuzisebenzisa. ***(Kuyaqhubekeka)*** |

| UVAVANYO OLUSISISEKO 2021 | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **ULWIMI LWASEKHAYA IBANGA 1** | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| **ISAKHONO** | **UKUMAMELA NOKUTHETHA** | | | | | | | | **IZANDI** | | | | **UKUFUNDA** | | | | | | | | | | | | |
| | | | | | | | | | | | | | **UKUFUNDA OKUSAPHUHLAYO** | | | | | | | **UKUFUNDA NGOKWABELANA** (umsebenzi weklasi yonke notitshala) | | | | | |
| **IVEKI** | 1 | | | 2 | | | | | 1 | | 2 | | 1 | | | | | 2 | | 1 | | | 2 | | |
| **UMSEBENZI** | 1 | 2 | 3 | 4 | 5 | 6 | 7 | 8 | 9 | 10 | 11 | 12 | 13 | 14 | 15 | 16 | 17 | 18 | 19 | 20 | 21 | 22 | 23 | 24 | 25 |
| Isikhokelo: Ukuphumelela komfundi<br>✓ *Uyakwazi*<br>● *Uyazama*<br>*X Akakwazi* | Ukumamela ngaphandle kokuphazamisa, enika imbeko, benikana amathuba | Jongisisa ngenyameko emfanekisweni uthethe ngamava aqhelekileyo | Tshatisa izinto ezihambelanayo kwaye uthelekise ezingafaniyo | Ukumamela nokukhumbula ulandelelwano lwamagama alula umz. Sila, sula, sela, sola | Cula iingoma nezicengcelezo wenze intshukumo ngokunokwakhe nangokuzithemba | Thetha ngemifanekiso kwiipowusta nasezincwadini njl-njl | Ukulandelelanisa imifanekiso ebalini | Ukutshatisa izinto ezihamba kunye | Ukuchonga amagama anesinggi esifanayo kwingoma nezicengcelezo eziqhelekileyo | Ukukhumbula ukuba amagama enziwe zizandi | Ukohlula amagama anamlungu angaphezulu kweis 3 ngokwamalungu | Ukohlula izivakalisi ezithethwayo zibe ngamagama | Ukukhumbula ngokumamela nangokubona onobumba bokuqala nezikhamiso ekuqaleni kwamagama | Ukudibanisa amagama ngokumamela uphinde uwadibanise kwakhona umz. K-a-m-a kama | Ukukhumbula izinto eziqhelekileyo emfanekisweni– ukufunda iincwadi zemifanekiso. | Ubamba incwadi ngendlela echanekileyo. | Ukukhumbula igama lakhe nawabanye eklasini | Ukutolika imifanekiso nokulandelelanisa imifanekiso ukwenza ibali | Ukusebenzisa uqweqwe lwencwadi nemifanekiso ukuqikelela ibali. | Ukonwabela ukuthatha inxaxheba kwimisebenzi yokufunda ngokwabelana. | Ukuqikela isiphumo sebali ngokujonga imifanekiso. | Ukuzoba imifanekiso ukucacisa uluvo olungundoqo ebalini | Ukufunda iitekisi ezinkulu. | Ukuphendula imibuzo engebali | Ukuxoxa ngbalinganiswa abasebalini nokunika izimvo zakho |
| | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |
| | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | | |

